


PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRRAIN SA YOPHULISO LWABAVELISI



BALA IINDLEKO PHAMBI KOKUTYALA

FAMA MAYIBONWE NJENGESHISHINI KWAYE IQHUTYWE NGOLO HLOBO. UKUFAMA AKUGQUALISELWA EMSEBENZINI OPHATHEKAYO OWENZIWAYO KUPHELA UKUZE KUVUNWE ISITYALO, KODWA KUKWAFANELE UKUFAKA INZUZO. MAKUSEKWE IMITHETHO YOLAWULO ENGQONGQO, IPHUNYEZWE KWAYE ILANDELWE UKUQINISEKISA UKUBA ABALIMI BANAKO UKUFUMANA INZUZO NOZINZO.

Kuhlelo IwangoJanyuwari 2023 lwePula, kupapashwe inqaku elithi 'Senze kwangaphambili isicwangciso sexesha lokutyala'. Kweli nqaku, kunkwe iinkcukacha ezibanzi ukuze ubale iindleko zakho zokulima. Kuhlelo IwangoJulayi lwePula, kuvele inqaku elithi 'Yithintele imimangaliso engacwangciselwanga yemali', apho kuxoxwe khona banzi ngeengxaki zeendaleko ezsisisigxina.

Ukutyalu ngumdlalo owuvela kakhulu umba wexesha kanti nokukhettha ixesha elichanekileyo lokulima kungaba nzima. Ngoko ke, leliphi ixesha elifanelekileyo lokutyala? Ukuphendula lo mbuzo, ufanele ukualwasela iindleko zeemveliso zamalungiselelo nengeniso.

IINDLEKO ZEEMVELISO ZAMALUNGISELELO

iindleko zeemveliso zamalungiselelo zizo zonke iindleko ezenzelwa ukavelisa isityalo. Malunga nezolimo, iindleko zeemveliso zamalungiselelo zichazwa njengazo zonke iindleko ezinxulumene nokulima kune noku-vuna izityalo, imizekelo yipetroli okanye idizili, izichumiso neekhemikhali ezsityenziswa kulimo.

iindleko zeemveliso zamalungiselelo zingahlulwa ngokwezintlu ezmibini ezaahlukileyo, ezizezi:

- **iindleko ezsisisigxina**, azitshintshatshintshi ngokokunyuka okanye ngokokwehla kwenani leemveliso neenkonzo eziveliswayo okanye

ezithengiswayo. Malunga nolimo, ezi ziindleko ezifanele ukuhlawulwa ngumlimi, kungakhathaliseki ukuba kukho akuvelisleyo na okanye akukho. Ezi ziindleko zenyanga okanye zonyaka ezifana nombane oqeshisiweyo, irenti, imivuzo kune neendleko zokugcina ubomi – iinkcitho ezihlala zifana ngazo zonke iinyanga nangonyaka ngamnye.

• **iindleko eziguquguqukayo** zitshintsha ngokwendlela iqumrhu elenza ngayo imveliso okanye ngokokuthengisa kwalu. Malunga nolimo, ezi ziindleko ezinyuka xa imveliso yandile. Ezi ndleko zinyuka okanye zehla xa imveliso isanda okanye inciphia. Imizekelo yazo yipetroli/idizili, imbewu, iikhemikhali ezsityenziswa kulimo nezichumiso.

Ngokufutshane, iindleko ziphelele = iindleko eziguquguqukayo + iindleko ezsisisigxina. Malunga nokufama, iindleko ziphelele zokuvvelisa isityalo zilingana neenkitho ezingenakuthinteleka ezifana nerenti, ukugcina ukuphila kwalu, umbane oqeshiswayo, umrhumo wobuninimpahla (levies), neerhafu, kune neenkitho ezifana neendleko zembewu, isichumiso, ipetroli/idizili kune neekhemikhali ezsityenziswa kulimo.

INGENISO

Ingeniso sisixamali okanye yimpahla efunyenwe kuba bekuthengiswe impahla okanye iinkonzo ezinikiwego.

Ingeniso iphelele malunga nolimo sisixamali siphelele esifunyanwa ngumlimi ngemveliso ayivelisleyo aze ayithengise. Ngokubhekiselele emboneni, oko kuthetha ixabiso leSafex xa kuthatyathwe umahluko wothutho futhi kuthatyathwe iindleko zesisle – ngamanye amazwi, ixabiso eliyintshiyekela yokuphume efama xa kuphindaphindwa ngesivuno oko kulingana nengeniso iphelele yakho.

Ingeniso eyintshiyekela isenokubizwa ngokuba yinzuzu. Yingeno shiyeva emva kokuthatyathwa kwazo zonke iinkcitho. linkcitho ziquka zonke iinkcitho ezifana neerhafu, ipetroli/idizili, imirhumo yobuninimpahla, isichumiso kune neemali ezitsalwayo.



Bala iindleko phambi...

Ingeniso eyintshiyekela = kwingeniso iphelele kuxhuzu-iwe iinkcitho.

LELIPHI IXESHA ELINGAKULUNGELANGA UKUTYALA?

Ugqaliselo Iwakhe nawuphi umlimi lufanele ukuba kukuvelisa iimveliso kangangokuba akwazi ukuhlawula iindleko zesityalo sakhe kunye neenkitho ezixhasa ukuphila – aphinde ashiekelye ngokwaneleyo ukuze abe nako ukulima mhlawumbi isityalo sokutshintsha, okanye okushiekelyo kube yimpahla yexabiso emnceda ukuba afumane imalimboleko.

Ngoko ke, abalimi bafanele ukusebenzisa ungginelaniso olulandayo ngenjongo yokuvavanya ukufaneleka kokuhlwayela:

Inzuzo/Ilahleko = ingeniso kuthatyathwe iinkcitho

Malunga nokufama, oku kuthetha ukuba ingeniso eyintshiyekela (inzuzo) ilingana nemali efunyanwa ngumlimi xa ethengise imveliso yakhe aphi kuthatyathwe khona iindleko zokulima.

Kubaluleke kakhulu ukuba abalimi bazidube ngamalungiselelo abo phambi kokuqalisa ngokuhlwayela isityalo. Oku kuthetha ukuba umlimi ufanele ukuzicingela kwangaphambili iindleko nengeniso ngokuchekileyo, njengoko uqiikelelo olungachanekanga malunga nale miba lunokukhokelela ekubhatyazeni nakwilahleko.

IINDELKO ZEXESHA LOKULIMA LAMA2023/2024

Ingaba ziza kuba ngakanani iindleko zokulima ihektare kunyaka wokulima wama2023/2024?

Ingingqi elimayo ePhakamileyo yaseMbindini neyaseNtshona

KwiTheyibhile 1, kuboniswa iindleko zombona, ujongilanga nezeemboti zesoya zengingqi ePhakamileyo yaseMbindini neyaseNtshona zezivuno ezahlukileyo. Ezi ndleko zingumzekelo – zingahluka kakhulu kwesi sibalo. Amaxabiso esichumiso, ekhemikhali yokhula, ekhemikhali yezinambuzane ezeptroli/idizili kungenzeka atshintshe phambi kokutyala. Umlimi ngamnye ufanele ukuhlanganisela uhlahlo-mali Iwakhe aze enze isigqibo ngokufanelekileyo.

- NgokweTheyibhile 1, ixabiso lesivuno seetoni ezi3, lifanele ukuba ngamaR5 072,46 ubuncinane, ixabiso lomlimi kufuneka libe ngamaR3 826,82 ukuze lingabi phantsi kangako.
- Malunga nojongilanga, ixabiso elithotyiweyo ngetoni e1 ngehektare nganye lifanele ukuba ngamaR9 342,84 ukuze ngesivuno seetoni ezi2, libe ngamaR6 805,94.

Ingingqi ezilimayo eziPhakamileyo eziseMpuma

KwiTheyibhile 2, kuboniswa iindleko zokulima zengingqi ePhakamileyo

1 Uqikelelo Iwamaxabiso omlimi ngombona neembotyi zesoya emhlabeni owomileyo oPhakamileyo eMpuma kunyaka wokulima wama2023/2024.

Intelekelelo yangoku yomlimi yamaxabiso eenkozo zodidi olubalaseleyo kwesona sisele sikupuphi (iiRandi/ngetoni)	Umbona ngexabiso lama-R3 900/ngetoni			Ujongilanga ngexabiso lama-R8 600/ngetoni		
	3	4	5	1	1,5	2
Ixabiso liphelele lokulima (iiRandi/ngehektare) ngokwexabiso lesityalo elingumyinge	11 700	15 600	19 500	8 600	12 900	17 200
lindleko eziguquguqukayo ezabiwa ngokungqalileyo (iiRandi/ngehektare)						
Imbewu kunye nezithole	1 551,58	1 706,74	2 017,06	582,45	776,60	873,67
Izichumiso	3 605,11	4 806,81	6 008,51	2 004,03	2 383,08	2 951,65
Ikalika	219,38	219,38	219,38	219,38	219,38	219,38
Ipetroli okanye idizili	1 737,48	1 799,52	1 861,56	1 463,24	1 505,97	1 548,69
Ukukhanda	773,83	782,32	790,82	675,59	679,84	684,09
likhemikhali zokhula	1 096,01	1 096,01	1 096,01	433,27	433,27	433,27
likhemikhali zezonakalisizityalo	710,48	710,48	710,48	91,04	91,04	91,04
I-inshorensi yeemveliso zamalungiselelo	512,46	683,28	854,10	188,39	282,58	376,78
Ukukhusela amaxabiso kwangaphambili	582,57	678,64	781,98	171,45	194,95	221,89
Umsebenzi wekhontraktha	-	-	-	-	-	-
I-inshorensi yezityalo	268,81	358,41	448,01	173,90	260,85	347,80
Ukutshiza okwenzewa phezulu	-	-	-	-	-	-
Inzala yamatyala okulima	552,89	642,08	739,40	300,14	341,38	387,41
lindleko ziphelele eziguquguqukayo ezinokwabiwa ngokungqalileyo (iiRandi/ngehektare)	11 610,59	13 483,67	15 527,31	6 302,87	7 168,93	8 135,67
lindleko ziphelele ezingenakuthinteleka (iiRandi/ngehektare)	3 606,79	3 606,79	3 606,79	3 039,97	3 039,97	3 039,97
lindleko ziphelele ngehektare phambi kwententiso eyenziwayo (iiRandi/ngehektare)	15 217,38	17 090,46	19 134,09	9 342,84	10 208,90	11 175,65
Umda ngehektare phambi kweendleko zokuthengisa nenzuso (iiRandi/ngehektare)	-3 517,38	-1 490,46	365,91	-742,84	2 691,10	6 024,35
lindleko ziphelele ngetoni phambi kwentengiso eyenziwayo (iiRandi/iiiton)	5 072,46	4 272,62	3 826,82	9 342,84	6 805,94	5 587,82

* (iiRandi/ngetoni) (Ixabiso aphi kuthatyathwe khona iindleko ziphelele zokuthengisa)

eseMpuma malunga nombona kanye neembotyi zesoya zezivuno ezahlukileyo. Ezi ndleko njengoko zikhankanyiwe zingumzekelo kodwa zingahluka kakhulu kwesi sibalo. Umlimi ngamnye ufanele ukuhlanganisela uhlahlomali lwakhe aze enze isiggibo ngokufanelekileyo.

- NgokweTheyibhile 2, ixabiso lesivuno seetoni ezi4,5, lifanele ukuba ngamaR4 330 ubuncinane, ixabiso lomlimi ngesivuno seetoni ezisi7, lifanele ukuba ngamaR3 608,09 ukuze lingabi phantsi kangako.
- Malunga neembotyi zesoya, ixabiso elithotywego nge1,5 yeetoni ngehektare nganye lifanele ukuba ngamaR10 324,60 ukuze ngesivuno seetoni ezi3, libe ngamaR6 248,81. Kuhlahlomali lweembotyi zesoya, kuqukwes isichumiso (okanye isilungiso sesichumiso).

CHRISTIAAN VERCUIEL, INGCALI YOQOQOSHO KULIMO, YASEGRRAIN SA NOPIETMAN BOTHÀ, UMCEBISI OZIMELEYO KULIMO



limbotyi zesoya ngexabiso lamaR7 800/ngetoni

1	1,5	2
7 800	11 700	15 600
908,04	1 362,05	1 589,06
254,78	254,78	235,91
255,42	255,42	255,42
1 711,77	1 803,54	1 598,16
1 542,86	1 630,26	1 717,66
941,85	941,85	941,85
961,07	961,07	961,07
-	-	-
278,68	347,52	410,29
-	-	-
804,99	1 207,48	1 609,98
-	-	-
382,97	438,20	465,97
8 042,43	9 202,17	9 785,37
3 279,63	3 279,63	3 279,63
11 322,06	12 481,8	13 065,00
-3 522,06	-781,8	2 535,00
11 322,06	8 321,2	6532,50



**AMAZWI
AVELA...
kuGq Sandile
Ngcamphalala**



KUNGOKU NJE ABALIMI ABANINZI BAGQIBILE UKUVUNA KWAYE SEBELUNGISELELA IXE-SHA LOKULIMA ELITSHA. SIVUYISANA NABO NGEMPUMEZO YABO YOKUBA NEZITYALO ABAZIKHUPHE EMASIMINI. BEKUNZIMA NGAKUMBI KUBALIMI BEEMBOTYI ZESOYA NABEEMBOTYI EZOMILEYO, NJENGOKO ABANINZI BEBENGAKWAZI UKUNGENA EMASIMINI UKUZE BAVUNE NGENXA YEEMEKO EBEZISOLOKO ZIGWANTYISA AMASIMI NGAMANZI.

Nangona abalimi abaninzi bebenexesa lokulima elihle, bakhona nabanye abalimi abanamava obunzima obuggithisileyo kweli xesa lokulima. Amaxa embalela ebekho ukususela kuDisemba odlulileyo kwade kwayiveki yokuqala kaFebruwari abambezele abaninzi ekuhlwayeleni.

Zange nje iyeke ukuna kwade kwayiveki yokuqala kuJuni. Izi-tyalo bezingakhuli kakhulu kwiimeko zokugwantya kwamanzi futhi ezo meko bezikhola ukubanda, ngakumbi kwinggaqqi yaKwaZulu-Natal nakwiMpuma Free State. Abalimi abaninzi kwiindawo ezisempuma zelizwe bebebukele izityalo zabo zisonakala emasimini kuba bengakwazi ukungena emasimini abo ukuze bavune. Kwiziganeko eziliqela, kuye kwasetyenzwa ngaphandle koomatshini ngelinge lokuhlangula izityalo.

Ukuguquguqua kwemozulu yimeko echaphazela bonke abalimi beenkozo eMzantsi Afrika. Imozulu isuke yathi chatha ukungathembakali kwiindawo ezininzi. Okusingeleka kwangaphambili kwalatha ixesa lokulima lembalela, kodwa asikwazi kuyilawula imeko enokubakho.

Kaloku nantoni na inokwenzeka. Okuncinane esinokujongana nako, kukwenza icizwangciso ngocoselelo, amalungiselelo ngokunjalo kanye nokuhlwayela ixesa liselihle. Xa siqoshelisa ixesa lokuvuna, ndinqwenela ukuthumela ilizwi lenkxaso nobambiswano, njengoko sesisensa icizwangciso zexesha lokulima elitsha.

Kubahlulelane bethu, siya kuhlala sinombulelo ngentsebenziswano yenu, ububele obungarhoxiswayo kanye nenkxaso yemali yenqubo. Ngenxaso yenu, siyaqhube futhi nabalimi bafumana inkxaso. Xa silisonga ixesa lokulima lama2022/2023 futhi sesijonge phambili kwelama2023/2024, masiqhuba ngokusebenzisana sibe yimbumba ukucinisekisa ushishino lweenkozo olunenzozo nozinzo. Olu shishino londla isizwe, lolunye lwamashishini anabona baqeshi baninzi kwaye luyintsika lozinho nekamva lelizwe lethu.

– **UGq Sandile Ngcamphalala yinkokeli yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi.** ■

Malunga nohlelo IwesiNgesi IwePula yale nyanga, skena le khowudi yeQR.



Bala iindleko phambi...

2


Uqikelelo Iwamaxabiso omlimi ngombona neembotyi zesoya emhlabeni owomileyo oPhakamileyo eMpuma kunya ka wokulima wama 2023/2024.

*Intelekelelo yangoku yomlimi yamaxabiso eenkozo zodidi olubalaseleyo kwesona sisele sikufuphi *	Umbona ngokwama R3 900/ngetoni			limbotyi zesoya ngokwama R7 800/ngeetoni		
	4,5	5,5	7	1,5	2,00	3,00
Ixabiso liphelele lokulima (iiRandi/ngehektare) ngekwexabiso lesityalo elingumyinge	17 550	21 450	27 300	11 700	15 600	23 400
lindleko eziguquguqukayo ezinokwabiwa ngokungqalileyo (iiRandi/ngehektare)						
Imbewu nezithole	2 644,75	3 359,49	4 074,27	1 518,91	1 518,91	1 772,06
Isichumiso	5 722,23	6 965,02	8 829,21	4 806,53	5 483,88	6 431,50
Ikalkika	272,97	272,97	272,97	-	-	-
Idizili/ipetroli	1 519,65	1 581,68	1 663,03	1 337,81	1 380,53	1 442,57
Ukukhanda	784,86	793,78	807,16	602,89	607,35	616,28
likhemikhali zokhula	1 504,78	1 504,78	1 504,78	1 617,11	1 617,11	1 617,11
likhemikhali zezonakalisizityalo	960,26	960,26	960,26	420,38	420,38	420,38
I-inshorensi yeemveliso zamalungiseleno	330,73	404,23	514,47	242,98	323,97	485,96
Ukukhusela amaxabiso kwangaphambili	802,76	925,37	1 091,76	294,36	322,97	374,41
Umsebenzi owenziwa yikhontraktha	-	-	-	-	-	-
I-inshorensi yezityalo	579,20	707,91	900,98	785,01	1 046,68	1 570,02
Ukutshiza okususelwa phezulu	-	-	-	-	-	-
Inzala yamatyala okulima	756,11	873,77	1 030,94	581,30	636,09	736,51
lindleko ziphelele eziguquguqukayo ezinokwabiwa ngokungqalileyo (iiRandi/ngehektare)	15 878,25	18 349,27	21 649,84	12 207,27	13 357,86	15 466,80
lindleko ziphelele ezingenakuthinteleka (iiRandi/ngehektare)	3 606,79	3 606,79	3 606,79	3 279,63	3 279,63	3 279,63
lindleko ziphelele/ngehektare phambi kwentengiso eyenziwayo (iiRandi/ngehektare)	19 485,04	21 956,06	25 256,63	15 486,90	16 637,49	18 746,43
Umda/ngehektare phambi kweendleko zokuthengisa nenzuzo (iiRandi/ngehektare)	-1 935,04	-506,06	2 043,37	-3 786,90	-1 037,49	4 653,57
lindleko ziphelele/ngetoni phambi kwentengiso eyenziwayo (iiRandi/ngetoni)	4 330,01	3 992,01	3 608,09	10 324,60	8 318,75	6 248,81

* (iiRandi/ngetoni) (Ixabiso aphi kuthatyathwe khona iindleko ziphelele zokuthengisa)

EVERY KERNEL COUNTS

Multiply your maize
with one DEKALB
seed per hole.



With **DEKALB®**, one seed is all you need! The built-in technology in our maize seed unlocks a world of possibilities for your farm and ensures that one seed per hole is enough. Our **DEKALB** seed bags are available in packages of **2 kg, 5 kg and 30 000 kernels** and you can choose between stacked traits, **Roundup Ready® MAIZE 2** and conventional hybrids. Discover how **Bayer's** crop protection and **DEKALB** advanced genetics can help you gain the **#DEKALBadvantage**.



[@DEKALBSA](https://www.cropscience.bayer.co.za) [@Bayer4Crops](https://www.bayer.co.za)

www.cropscience.bayer.co.za // www.bayer.co.za // Tel: +27 11 921 5002

Bayer (Pty) Ltd. Reg. No. 1968/011192/07. 27 Wrench Road, Isando, 1601. PO Box 143, Isando, 1600.

The registration owner of **DEKALB®** and **Roudup Ready® MAIZE 2** is **Bayer AG, Germany**.



UKHUSELO: Iziganeko

UMTHETHO WEMPILO NOKHUSELO EMSE-BENZINI UTHI ABAQESHI MABAMISELE INDAWO YEMPANGELO ENOKHUSELO NE-NEMPILO UKWENZELA ABASEBENZI BABO.

Nazi ezinye zezikhokelo ezinokwensiwa:

- Umqeshi makahlanganisele uhlalutyo lwemingcipheko oluhazi-wya rhoqo. Makaphumeze isicwangciso sokuqhelanisa bonke abasebenzi abatsha.
- Abasebenzi kufuneka bazibonele ukuba indawo abasebenzelu kuyo, ikhuselekile. Oomatshini bafanele ukuhlolwa ngenyanga nganye, ngokunjalo iziphene zifanele ukuxelwa.
- Ukuba kukho abasebenzi abangaphezu kwama20, kufuneka kukhethwe ummeli wokhuselo oza kumela indawo yempangelo.
- Abaqeshwa mabaxelete zonke iziganeko okanye iingozi kummeli wokhuselo okanye kumongameli phambi kokuba batshayise ngalo mini. Naziphi iingozi zifanele ukuphandwa ize ingxelo ibhalwe kuxwebhu IwesiHlomelo 1. Ukuba umqeshwa ufanele uqwalasel olongano, makasiwe kwaggirha/esibhdedle akhatshwe yifomu yeWcL2 eyimfuneko.
- Iziganeko ezithile mazixelwe ngumqeshwa kumhloli weSebe leNgqesho iMpilo noKhuselo IwabaSebenzi. ■



UCHARL SAAYMAN, UMCEBISI WEMPILO NOKHUSELO
EMEGA HEALTH AND SAFETY

Yeka iindlela ezinqumlayo ZOKU-LONDOLOZA imali

KUBALULEKILE UKUBONA ISHISHINI LAKHO LOKUFAMA NJENGESHISHINI ELINCINANE EYINTO ELILILU FUTHI UKWAMKELE UKUBA KUKHO IINKQUBO ZOLAWULO EZIBALULEKILEYO EZIFANELE UKUQHUTYWA MALUNGA NEEMALI KUSUKU NGALUNYE.

Usenokucinga ukuba uyayilondoloza imali xa uziqwalselela ngokwakho imali eyikheshi esetyenziswayo, kodwa kaninzi lo mba awuhoywa futhi asinguye wonke umntu onezakhono eziyimfuneko zokuwuqhuba. Ingcali yobalomali okanye umgcinizincwadi unobuchule bokuhlanganisela iingxelo ngokusetyenziswa kwekheshi ngokuchanekileyo ukusela kwiakhawunti ezahlukahlukileyo, nokugcina ii-invoyisi ezimalunga neeakhawunti zeenkchito kanye nengeniso.

Kubalulekile ukuwuqonda umahluko phakathi kwengcali yobalomali nomgcinizincwadi, nangona inxulumene le misebenzi mibini kodwa yenziva kwizintlu zobungcali ezahlukileyo:

- Abagcinizincwadi bagcina iingxelo zeshishini zokusetyenziswa kwemali ngosuku ngalunye, kwelinje icala iingcali zobalomali zijolisa ngakumbi emsebenzini obanzi. Abagcinizincwadi bagcina baze balungise iinkcukacha zemali, ngelixa iingcali zobalomali zihlalutyu, zitolike ngokunjalo zishwankathole ezo nkukucha zemali. Abagcinizincwadi abawahalutyi la manani futhi abaniki macebiso ngemali.
- Lingcali zobalomali zinamava ngomthetho werhafu, uphicothozincwadi nangocwangciseloo Iwemali kwaye ziyakwazi ukunikela ngamacebiso anzulu kwishishini. Banegunya lokuphicotha iincwadi, ukuhlanganisela nokusayina iingcaciso zemali yeshishini.
- Lingcali zobalomali ziyakwazi ukuqhube ulawulo oluthe chatha Iweenkcukacha, zihlalutyu imiba yemali ngokunjalo zihlanganisele iingxelo zemali. Ngokunjalo zikwaqinisekisa ukuba iqumrhu lako liyayithole imithetho yeeNkonzo zeNgenisomali (South African Revenue Service - SARS).
- Abagcinizincwadi baqwalasela imisebenzi yolawulo Iwemali. Banoxanduva lokuhlanganisela iincwadi, ukulandela iintlawulo eziphelelwexiesha, ukuqhubela phambili iintlawulo zabathengisi, kanti bangasebenza nangoludwe Iweentlawulo zabasebenzi baze bazalise iingxelo zeUIF/PAYE. Ngokuxhomekeka kubungakanani bomsebenzi abakwenzela wona, ziya kuba ngako neentlawulo abaza kuzifuna kuwe ngeyure. Malunga nemisebenzi esisiseko seemali nolawulo, yinto eqelekileyo ukuqala ngokuqesha umgcinizincwadi njengoko bebiza imali ephantsi kakhulu ngeyure. Umgcinizincwadi wakho uya kukholisa ukusebenziana nengcali yobalomali, okanye nkqu nakwiofisi esebebenzela kuyo ingcali yobalomali. ■

JENNY MATHEWS,
INGCALI NOMHLOHLI
WOLAWULO NOPHUHLISO



Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087

Lynnwood Ridge

0040

■ 086 004 7246

■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala

■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296

■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285

liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING

Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz

■ louise@infoworks.biz

Inkeliyeqela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716

■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Jesseme Ross



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPUHLISO

Jacques Roux

IFree State eseNtshona (Bethlehem)

■ 082 377 9529 ■ jacques.rouxjr11@gmail.com

Johan Kriel

IFree State eseMpuma (Bloemfontein)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Phumzile Ngcobo (Umncedisi waseOfisini: Dundee)

■ 060 477 7940 ■ phumzile@grainsa.co.za

■ Office: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad & Mthatha)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

UCwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)

■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

Isicwangciso sempilo yezilwanyana SINQANDA IILAHLEKO

NGOKOMBUTHO WABAVELISI BENYAMA EBOMVU (RED MEAT PRODUCERS' ORGANISATION - RPO), ISICWANGCISO SEMPIOLO YEZILWANYANA SICHONGA IIMEKO EZIBEKA IMPILO YEZILWANYANA EMINGCIPHEKWENI, KWAYE SIYIBEKA PHAMBILI NGENDLELA ENCOMEKAYO LE MINGCIPHEKO SIZE SISEBENZISE IZICWANGCISOCEBO ZOKUYINCIPHISA KUNYE/OKANYE UKUYIBANGISA, NGOKWENZA NJALO KUNCIPHA ITHUBA LOBUKHO BEZIFO.

Ilahleko yenkomo kungenzeka ifike kwiR10 000, ngoko ke inkomo efileyo ifana neenkomo ezininzi kakhulu kumfuyi weenkomu. Kwiziganeko ezininzi, le lahleko ibinokuthintelwa ukuba isicwangciso sasefama sempilo yezilwanyana besisetenziswe ngexesha elifanelekileyo. Inkubo yomfuyi weenkomu yolawulo lwempilo ilondoloza imali ebhankini.

Abalimi mabasibenzise isicwangciso sempilo yezilwanyana njengesixhobo solawulo, bangasiboni njengomsebenzi nje ongaxabisekanga wemihla ngemihla. Umbutho weRPO ucebisa ukuba isicwangciso sempilo yezilwanyana masisekwe kumava neengxaki ezingqale kwifama leyo, njengoko imisebenzi yokufama isahluka. Sifanele ukukwazi ukuncedisa umlimi ekuchongeni nasekulawuleniiingxaki zempilo ezithile zefama leyo esiyilelw yona, ngenjongo yokuphucula nokulondoloza impilontle yezilwanyana.

Ukusetyenziswa kwesicwangciso sempilo yezilwanyana kunamandla ngaphezu koku-londolozwa kwezelwanyana kuphela. Sinako ukunceda izilwanyana ngokuhlala zikwimeko efanelekileyo, sivelise ithole elilunyulwayo elikhulu, ngokunjalo sincede inkomo ukuba iphinde imithe. Inkomo engafumani mathole, ikhokelela kwilahleko enkulu yemali emsebenzini wokufama – kanti ithole lobunzima be5 kg ngethole ngalinye elikhuliswayo kumathole ali100 kungabangela ilahleko engangamaR15 000, eyimali eninzi kakhulu.

Ipesenti yokufumaneka kwamathole enyuka ukususela kuma70% ukuya kuma80%, nayo ikhokelela kumahluo omkhulu. Malunga nexabiso lethole elilunyuliweyo lamaR30 ngekhilogram, lo mahluko ungathetha ukuba kukho amaR66 000 ongezelelwego. Ngokuqinisekileyo umntu angayisebenzisa le mali kwinto ethile!

Ayisosicwangciso sempilo yezilwanyana kuphela esinokunyusa ipesenti yokuphuhla kwamathole. Ukuba yonke imiba yokufama yenziva ngokuchanekileyo, oko kuya kuyiqinisekisa ipensenti entle yokukhula kwamathole. Zibalulekile izondlo zodidi oluphezulu ezinikwa ngamaxeshya achanekileyo ezikhulisa amathole kakuhle neziqinisekisa ipesenti entle yokuphuhla kwamathole.

Kubalulekile ukuba umlimi ngamnye asebenzise inkubo elungileyo yempilo yezilwanyana. **KwiTheyibile 1**, kuboniswa umzekelo wenkubo yolawulo lwempilo kumgaqo wokuhulisa kwamathole ngexesha lentlakohlaza.

Umbutho weRPO ucacisa iintsika ezisisiseko neziphambili zaso nasiphi isicwangciso esinomekayo sempilo yezilwanyana:

- Ingcali enesakhono kwezelwanyana okanye kwezemfuyo.
- Umlimi ozinikeleyo ekusebenziseni le nkubo, unomqaqo olungleleyo wokugcinwa kweencwadi futhi uyawathobela amacebiso engcali kwezelwanyana. Wakuba unenkubo elungele ukusetyenziswa, zidbanise nengcali yakho kwezelwanyana uze uylungalungise ukuze iwufanele umsebenzi wakho wokufama. Lingcali kwezelwanyana zikholisa ukuba nenkubo eneenkcukacha eziyimfuneko, aphi zonke iziganeko zobukho nokwanda kwezifo zifumaneka khona.

Abalimi banoxanduva lokuvvelisa iimveliso ezinokhuselo, kwaye isicwangciso sakho sempilo yezilwanyana sibalulekile kuzinzo lwakho.



PIETMAN BOTHA,
UMCEBISU OZIMELEYO
KWEZOLIMO

INYANGA	SEPT	OCT	NOV	DEC	JAN	FEB	MAR	APR	MAY	JUN	JUL	AUG
IINKOMO												
Imveliso	Amankonyana			Nika			Ukumitha	Ukulunyulwa	Ukuthengisa iinkomo ezindala nezingamithanga			
Inkubo yogonyo	isifo esisasazeka ngokukhwelana (Vibriosis), ifiva yeRift Valley	I-RB51 yeenkomo ezingamithanga					I-MultimuneSe	I-Pasteurella BVD (intsho-longwane ephazamisa ukuphefumla)	Isifo sezihlunu Ukutyhefwa kuku-tya okonakeleyo uDila (Black quarter Botulism Anthrax)	Vit A, D, E	Ifiva yeRift Valley	Isifo samaghuma esikhunjini, E.coli
AMANKONYANA ANGAMATHOKAZI NAZIINKUNZI												
INYANGA	SEPT	OCT	NOV	DEC	JAN	FEB	MAR	APR	MAY	JUN	JUL	AUG
Ubudala (iinyanga)	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	11	12
Imveliso								Thengisa amathole alunyuliweyo naziinkunzi				
Inkubo yogonyo				Ama-thokazi eBM	Isifo sezihlunu nokuthefeka kwegazi (Black quarter), ukutyhefwa kukutya okonakeleyo (botulism) nodila (anthrax), intsholongwane ephazamisa ukuphefumla (Pasteurella) BVD, iBR P13 (amathokazi)	I-MultimuneSe		I-RB51 ugonyo Iwesi2 Iwamathokazi		Vit A, D, E	Ifiva yeRift Valley	isifo esisasazeka ngokukhwelana (Vibriosis), iBM yamathokazi, isifo samaghuma esikhunjini
AMATHOKAZI (UNYAKA OM1 UKUYA KWEMI2)												
INYANGA	SEPT	OCT	NOV	DEC	JAN	FEB	MAR	APR	MAY	JUN	JUL	AUG
Ubudala (iinyanga)	13	14	15	16	17	18	19	20	21	22	23	24
Inkubo yogonyo					I-RB51	I-MultimuneSe		isifo sezihlunu nokuthefeka kwegazi, (Blackleg), Ukutyhefwa kukutya okonakeleyo (botulism) nodila (anthrax)		Vit A, D, E	Ifiva yeRift Valley	Isifo samaghuma esikhunjini, intsholongwane ephazamisa ukuphefumla (Pasteurella), iBVD, i-IBR, i-P13
AMATHOKAZI (IMINYAKA EMI2 UKUYA KWEMI3)												
INYANGA	SEPT	OCT	NOV	DEC	JAN	FEB	MAR	APR	MAY	JUN	JUL	AUG
Ubudala (iinyanga)	25	26	27	28	29	30	31	32	33	34	35	36
Inkubo yogonyo	Isifo esisasazeka ngokukhwelana (Vibriosis)				I-RB51	I-MultimuneSe		isifo sezihlunu nokuthefeka kwegazi, (Black-leg), Ukutyhefwa kukutya okonakeleyo (botulism) nodila (anthrax)		Vit A, D, E	Ifiva yeRift Valley	Isifo samaghuma esikhunjini, intsholongwane ephazamisa ukuphefumla (Pasteurella), iBVD, i-IBR, i-P13
IINKOMO EZINGAMANKONYANA OKUQALA												
INYANGA	SEPT	OCT	NOV	DEC	JAN	FEB	MAR	APR	MAY	JUN	JUL	AUG
Ubudala (iinyanga)	37	38	39	40	41	42	43	44	45	46	47	48
Inkubo yogonyo	Isifo esisasazeka ngokukhwelana (Vibriosis)				I-RB51	I-MultimuneSe		Isifo sezihlunu nokuthefeka kwegazi, (Blackleg), Ukutyhefwa kukutya okonakeleyo nodila		Vit A, D, E	Ifiva yeRift Valley	Isifo samaghuma esikhunjini, intsholongwane ephazamisa ukuphefumla (Pasteurella), iBVD, i-IBR, i-P13
IZIDLELELEI ZANGAPHAKATHI EZENZEKA RHOOO EZINKOMENIINTERNAL PARASITES THAT OCCUR REGULARLY IN CATTLE												
INYANGA	SEPT	OCT	NOV	DEC	JAN	FEB	MAR	APR	MAY	JUN	JUL	AUG
Intshulube ezingqukuva		Zonke izilwanyana, qaphela ngakumbi izilwanyana eziiselula										
Intshulubana ezi-funyanwa esibindini	Unyangalwesicwangci-socebo: Zonke izilwanyana			Unyangalwesifosezihlunu nokuthefeka kwegazi: Zonke izilwanyana				Unyangalwesicwangcisocebo: Zonke izilwanyana				Unyangalwesicwangci-socebo: Zonke izilwanyana
Intshulubana ezitsobhileyo								Qwalasela iintshulubana ezitsobhileyo ngakumbi kwezi nyanga				
Intshulube ende neziyne iintshulubana		Intshulube ende: Amankonyana ancanca unyaka wonke						Izidleleleli zeseli enye: Amankonyana aselula unyaka wonke (3 iiveki+)				

Inkgubo egugula ubomi babantu



Izifundo zezakhono zokusebenza

KWINYANGA kaMeyi, kwingingqi yaseDundee bekuqhutywa izifundo ezine zezakhono zokusebenza ngokwenza imilinganiselo kumatshini wokutyalu nakvisitsizhi esoluliweyo. Ezi ndibano zonke bezixhaswe ngabakwaMaize Trust kanti uPaul Wiggill, wesiphaluka saseBergville, ebengumqequeshi.

UPaul unike ingxelo yokuba uninzi lwabo balimi luhlwayela ngesandla, ngoko ke uqequesho lubandakanye ukusetyenziswa kwesitshizi esibelekwayo. 'Wonke umntu usuka acinge ukuba sisibenziseka lula kakhulu, kodwa osisibenzisayo ufanele ukulandela imiyalelo yeenkqubo ukuze afumane iziphumo ezichanekileyo. Abantu abaninzi bafane bafake nje iikhemikhali bangahlambi neso sikhongozelo, kanti abanye bebengazi nokuba isitshizi esibelekwayo sikhanda njani xa sonakele singasasebenzi kakuhle, kodwa ngoku sebekwazi.' Uthe abalimi bayakuthakazelela ukufunda kwaye bebebuza imibuzo emininzi.

Enye ingxelo evela kubalimi:

- Sifunde indlela yokulima ngokulandela imiyalelo, umgama ofunekayo phakathi kwembewu kune nesixa sesichumiso esifanele ukufakwa. Siphinde safunda nangemilinganiselo eyenziwa kwisitshizi nangendlela yokubona ukuba ingaba sicanekile na isixa sembewu nesesichumiso esisisebenzisayo na.
- Izifundo bezisixhobisa kakhulu ngolwazi futhi zicaciswa ngendlela eyenza kube lula ukuziqonda. Izibalo nazo bezichazwa ngendlela elula kwaye besinkwa iitshati ebisesebenzela kuzo, nto leyo ibisincreda kakhulu. Kwa-khona sifunde nendlela yokulinganisa amasimi ethu, kuba oko kubalulekile ukuba kwensiwe phambi kokuqalisu ngokutshiza.
- Ngethuba lomsebenzi owenziwayo, sonke sizibandakanyile kwaye besisenza yonke imiboniso. Oku bekulungile kuba kukhokelele ekubenitikwazi ukulungisa naziphi iingxaki esinokuba nazo ngokusebenzia izitshizi ezibelekwayo.



Ngosuku loqequesho eMhlungweni, abalimi bafunde ngendlela yoku-khanda isitshizi esibelekwayo.



Abalimi bafunde banzi ngokufaka imilinganiselo nangokutshabalalisa ukhula phucukileyo ngo-kutshiza ngethuba izifundo eMkheleni.



Aba balimi bebeye kwizifundo eSiyalima Siyaphambili futhi bethakazelela ukufunda.

Abalimi abomeleleyo BAHLALA ETHEMBENI

ABALIMI baxakeke emasimini, ngoko ke zibe ntandathu kuhphela iintlanganiso zamaqela ofundonzulu ezibanjwe kwingingqi ezahlukahlukileyo. Uggaliselo belusekubekeni iliso kwizityalo zengingqi, ukufunda kwixesa lokulima njengoko seliza kudlula kuze kwensiwe isicwangciselosexesha lokulima elitsha.

Amalungu eQela loFundonzulu leDriefontein aqhube umsebenzi wokufama eMpumalanga adibene nomcebisi wawo, uTimon Filter weofisi yophuhliso yengingqi yaseLouwsburg, ngomhla we17 kuMeyi. Esi siphaluka sitsale nzima ngenxa yeengxaki zemvula kweli xesha lokulima.

Imihlaba eminzi ibizizisulu zamasimi agwantye amanzi, ngoko ke, eli ibilixesa elinzima lokulima. Enye ingxaki ibingamaxabiso eemveliso zamalungiselelo ngoku izivuno azizihlanga ngokubalaseleyo, abalimi abaninzi banexhala lokuba ingaba baya kuphinda bakwazi na ukuthenga ezi mvelelo, nangona kunjalo basomelele.

'Engako yona inyhweba yokutyelela abalimi bam – ndikwazile ukubakhuthaza ekubeni baqhube ngokuya phambili banganikezel. Eli lixesha elilungileyo lokuqwalasela okwenzekileyo nokuphengulula obekunokwenziwa ngenye indlela, nokuzama ukupuhhlisa ulwazi lwethu nobungcaphephe njengabalimi abahloniphekileyo. 'Ithemba lethu lisoloko likukufumana umlimi wethu orhwebayo olandelayo kula maqela,' utshilo uTimon.



Abambalwa kubalimi baseDriefontein bacetyiswa nguTimon Filter. ■